

# PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



## Ubuhlakani bokuphucula uku- linywa kweenkozo zorhwebo – ukuqalisa kwihektare e-1 ...



Iqela lofundonzulu iNdunge: uThembalihle Hopewell Tobo, uMambenza Ndenza, uNomvuyo uPatricia Ndenza, uNolundi Tobo, uVictress Memani, uNomacabe Maguqa noSizani Mqhutya.

candelo lezolimo eMzantsi Afrika lijongene neemeko ezininzi ezahluka-hlukeneyo – kweliye icala baninzi abalimi abanezivuno eziphezulu, nabahrwebayo abasemgangathweni ongowona uphezulu ehlabathini, kanti kwelinje icala kukho abalimi abalimela ukuziphilisa abasatsala nzima ekondleni iintsapho zabo.

Iziphaluka ezazisaziwa ngokuba ngoozimele-geqe ngaphambili zingange 13% yoMzantsi Afrika eyinginqi engangezigidi eziyi-18 zeehek- tare (nangona kunjalo yinxenye kuphela yomhlaba olimekayo), kanti kwiNkqubo yoPhuhliso Iwa- baLimi beeNkozo yaseGrain SA, sinamalungu abangabalimi abalimela ukuziphilisa abangaphezu kwamalungu angama-3 500 (abo okwangoku aba-

lima nganeno kwehektare ezi-3 zomhlaba). Ukuze sizuze ubukho bokuya okwaneleyo malunga nokuya kwestithethe, ikhaya ngalinye lidinga itoni e-1 yombona ngonyaka. Ngoku aba balimi bavuna nganeno kwehektare e-1, nangona abaninzi kubo bekwiindawo ezinesakhono esiphezulu eMpuma Koloni, eMpumalanga naKwaZulu-Natal.

Isizathu sezi zivuno zingaphucukanga si- nokunxulumaniswa ngokungqalileyo nendlela zokulima – imbewu emvumvuzelwe ngokuvule- lekileyo, i-asidi eninzi emhlabeni, ukunganeli kwasichumiso esisetyenzisiweyo kune nokun- gatshatyalaliswa kokhula kakhulu. Kodwa oku kuse- nokuguquka.

Kwiminyaka eliqela edlulileyo, iGrain SA ibe nethamsanqa lokuba neNkqubo yoPhuhliso Iwa-

Imagazini yakwaGrain SA  
yophuhliso Iwabavelisi

Bala Moteng:

- 06 | Phucula isivuno sakho sengqolowa ngojikeleziso Iwezityalo
- 09 | Igalelo lokulinwa kwerhasi kubukho bokuya okwaneleyo
- 10 | I-Grain SA kudliwano- ndlebe...William Matasane



04



07

10



## UMAKHULU UJANE UTHI...

**G**rain SA ibe nethamsanga lokulawula inkubo yophuhliso lwabalimi ebisisiphumo sentsebenziswano phakathi kweMaize Trust, iWinter Cereal Trust, iSorghum Trust, iOil and Protein Deeds Development Trust, iARC neAgriSETA. Kwininyaka emininzi, iqela labantu abazinikeleyo enkonzweni yabo basebenze ngokuzimisa begqithisa kwabanye izakhono zobuchule nolwazi kubalimi ngaxeshanye bebancedisa ukuba basebenze umhlaba lovo bafikelelayo kuwo.

Injongo yale nkubo ilula kwaye icacile – kunkedisa abalimi ekusebenziseni nokuba ngowuphi umhlaba abakwaziyo ukufikelela kuwo ukuze balime izityalo kangangoko banako. Kodwa ngelishwa siziva siphantsi koxinzelelo oluvela kwicandelo lezopolitiko – kukho abantu abafuna ukuyithatha le nkubo kwiGrain SA kanti ukuba banako bayiphelise tu kwaphela. Injongo yabo ayivakali kodwa okucace gca kukuba abanamda unguwo kupuhliso lwabalimi. Thina njengeGrain SA, siza kwenza onke amatiletele okuqhube ngokunika inkonzo yethu, kuni balmi bethu. Kwininyaka engaphezu kwelishumi elinanyi ngoku, oko siphuhlisa ubudlelwane bentembeko phakathi kwenu nathi kwaye impumelelo yenu ngumba osentloko kuthi.

Kwinyanga ezayo siza kubhiyozela uSuku loMbhiyozo eBloemfontein kwakhona. Lo ngumcimbi wolonwabo olukhulu apho sibhengeza khona abo bagqwese kuKhutshiswano loNyaka lwabaLimi bethu kananjalo kunyuselwa abalimi kwiKlabhu yeeToni eziyi-250. Baninzi kakhulu abalimi ngokushiya-shiyana kwabo abaqhuba kakuhle ngokubalaseleyo ukuze bafikelele kwibanga lokulimela ukurhweba. Kwibanga lokulimela ukuziphilisa, kulo nyaka besinabalimi ababini ingulowo kubo ulime iihektare ezisi-7 ngesandla waze wavuna iitoni eziyi-50 zombona – impumelelo engako ingummangaliso. Kwelinye icala sinoNksz Kama waseUgie ovune iitoni ezili-10 ngehektare ngokomlinganiselo wakhe wokurhweba. Huntshu!

Silusizi kukulahlekelwa ngababephumelele ababini kuKhutshiswano loMlimi woNyaka lwethu – uMnu Steven Matshididi waseThaba Nchu noMnu Lepati Macaphasa waseKestell. Sibuhlungu ngukulahlekelwa ngabo thina neentsapho zabo kwaye sibanqwenelela ukuphumla kwaphakade. Bebeynkuthazo kuthi ngemisebenzi yabo yokufama. ☽

## Ubuhlakani bokuphucula ukulinywa kweenkozo zorhwebo – ukuqalisa kwihektare e-1...

baLimi beeNkozo efumana inkxaso yemali kwi-Maize Trust, kwiWinter Cereal Trust, kwiOil and Protein Seeds Development Trust, kwiSorghum Trust, kwiARC nakwiAgriSETA.

Umsebenzi wale nkubo ngulo: "Kukuphulisa abalimi abanesakhono abamnyama abarhwebayo nokufaka igalelo kubukho bokutya okwaneleyo emakhaya nasesizweni ngokuthi umlimi ngamnye ofikelela kubutyebi bendalo abusebenzise kakuhle kangangoko."

Abalimi abangamalungu enkubo bafumana uqequesho nophuhliso lwezakhono zobuchule ezintlanganisweni zamaqela ofundonzulu, kwiimvavanyo zemiboniso ezilinywe ecaleni kwamasimi abo apho baftumana khona ulwazi ngeshishini, ukhutshiswano loNyaka lwabaLimi luyabakhuthaza, kanti nenkxaso yabantu ngabanye eyenzelwa abalimi abakhulu efama, izifundo zoqequesho kuyo yonke imiba yeenkozo, imbewu yeoyile nokulinywa kweesiriyeli, kune neleta yeendaba yenyanga enika ulwazi oluphathelele kumaxesha athile noluyimfuneko.

Bangamawaka abalimi abancinane asebefumene amava emigaqo yokusebenza echankeleyo, kodwa ngelishwa abaninzi kubo abakwazi kufikelela kwiimveliso ezichanekileyo zamalungiselelo okulima, kwaye abafumanu nkxaso emasimini abo ngeenyanja ezibaluleke kakhulu zokulinywa kwezityalo zehlobo.

Kuba nzima ukuchaza umba "wokulimela ukurhweba" ngokwemeko yawo kwiindawo ezipsemaphandleni kakhulu. Iimeko zenkubo yokuqeshwa komhlaba odityanelweyo aziso-

loko ziluvumela "uqoqosho lwemilinganiselo". KwiNkubo yethu yoPhuhliso lwabaLimi bee-Nkozo siqalise ukusebenzisa ibinzana lamagama elithi "uqoqosho lwemfezeko" – ngoko ke usenokungabi namhlaba wobukhulu bokurhweba, kodwa unako ukufumana isivuno esilingana nesokurhweba emhlabeni ofumanekayo.


### Iprojekthi iyazalwa

Ngo-2014, i-ARC yazise ukuba inothakazelelo lokunika inkxaso kwiindleko zelinge leengcebiso zabalimi abaninzi ukuze basebenzise imigaqo yanamhla yokulima, kanti ngaxeshanye iMonsanto iye yazinikela ekubeni incedise abalimi ukuba bafikelele kwimbewu yombona engumhlanganisela yeRoundup Ready (enyangwe) ngeRoundup kwihektare e-1. Esi sibe sisiqalo seprojekthi.

Impumelelo yayo nayiphi inkubo yophuhliso inxulumene ngokungqale ekuzibanda-kanyeni nakubunini beprojekthi ngabaxhamli (abalimi). Umlimi ngamnye obefuna ukuba yinxene yeprojekthi ebefanele ukunikela umrhumo weR1 500 ngehektare babeyihlawula kwakhawunti ethile yebhanki evulwe ngale njongo (*i-Standard Bank Third Party Fund Administration Account* ebilawulwa yiGrain SA) Beseliphela ixesha kwathi kufika umhla we-10 kuOkthobha ngo-2014, abalimi abayi-855 babe sebeyifakile imali yabo.

Imiqathango yenxaxheba kwiprojekthi yaba yile:

- Umrhumo we-R1 500 weendleko zamalungiselelo.



Isazobe 1: lindawo abakuzo abalimi.



*Umbona phantsi kokungahlakulelwa.*



*Umbona omhle otshizwe kanye udinga ukutshizwa okokugqibela.*

- Ukufilela kwisitshizi sehapulusaka nesixhobo sokutyalu esibanjwa ngesandla.
- Ukuva lilungu leqela lofundonzulu.
- Ukuphumelela ukuya kwizifundo zeNtshayelelo yokulinywa kombona.
- Ukuva nesampulu yomhlaba engekayigqibi iminyaka emithathu.

**Isazobe 1** sibonisa iindawo abakuzo abalimi – 1/3 eMpumalanga, 1/3 KwaZulu-Natal kananjalo 1/3 eMpuma Koloni.

- Ukuze ibe nempumelelo iprojekthi, kuye kwafuneka ukuba kufumaneku namanye amahlakan. Isiphumo sibe sihle kakhulu. Njengoko kukhankanyiwe, iARC neMonsanto besezizinikele ngokupheleleyo aze amahlakan alandelayo nawo angenelela:
- iOmnia enamaxabiso anezaphulelo kwizichumiso.
  - iSasol Nitro enomnikelo womaleko ongaphezelu.
  - iBayer enemichiza yokutshabalala izinambuzane.

*Impumelelo yayo nayiphi inkqubo yophuhliso inxulumene ngokungqale ekuzibandakanyeni nakubunini beprojekthi ngabaxhamli (abalimi).*

“

- iTWK enamaxabiso anezaphulelo kwizitshizi zehapulusaka ezongezelelweyo ebezifuneka.
- iGrain SA nabaphathi beprojekthi kunye nenkxaso-mali eyongezelelweyo yesichumiso.

#### Inkqubo

Kubalulekile ukwazi ukulandela inkqubela yayo nayiphi iprojekthi kwaye ngethamsanqa iGrain SA inengqokelela yeenkcukacha zavo onke amalungu enkqubo yophuhliso. linkcuka-cha zomlimi ngamnye onenxaxheba zigcinwa ekhompyutheni kananjalo namanqaku eGPS entsimi (ukuze abaniki-nkxaso bakwazi ukutyelela iziza zoqobo bazidibani nabalimi).

Emva kokufaka umrhumo wabo, abalimi baye baxela ukuba ingaba bafuna imbewu yombona obomvu okanye eyomhlophe na. Iodolo yesichumiso yomlimi ngamnye iye yathunyelwa (abalimi bahlulwa ngokwezicuku ukuze kuge lula ukuyisa impahla). Kwathengwa izixhobo zokutya la ezibajnjwa ngesandla ezimbalwa ezongezelelweyo kune nezitshizi zehapulusaka ukuqinisekisa ubukho bezixhobo zokusebenza ezaneleyo zokulima isiyalo ngexesha elichanekileyo.

Abaququzeleli bephondo baseGrain SA (Aba-nuzana uNaas Gouws, uJerry Mthombothi,

## Ubuhlakani bokuphucula ukulinywa kweenkozo zorhwebo – ukuqalisa kwihektare e-1...



Amalungu eqela lofundonzulu le-Lijahasisu abeye entlanganisweni phambi kokutyelela amasimi alimekayo eHereford.



Iqela lofundonzulu iThe Siyaphambili Eastern Cape: uSindie Nzimande (Igosa lesolulo kwindingqi yaselxopo), uNkosi uMsekeli Zulu (naye lilungu leqela lofundonzulu), uRichard Gilson (waseGrain SA), uLeonard Gamede, uBrenda Gamede, uSilindile Gebashe, uLungisa Tenza, uSiyeni Nzimande, uNosipho Gebashe, uWillington Nkontwna, uMandla Mkhize noDingizwe Nombika.



uShaka Nkosi, uSimon Maseko, uSimeon Mazibuko noJerry Mthombothi.

uJurie Mentz, uan Househam, uVusi Ngesi no-Lawrence Luthango) bancediswe ngabancedisi abongezelweyo ukuqinisekisa ukuba abalimi baumene uqequeso nenkxaso eyaneleyo.

Abalimi banikwe uqequeso kwizihloko ezilandelayo:

- Imilinganiso nezibalo;
- Ilimuneko zokulinywa kombona malunga nemozulu;
- Umhlabo nokugcinwa kokufuma ngumhlabo;
- Ukhathathwa kweesampulu zomhlabo;
- Ubumuncu bomhlabo;
- Imithetho-siseko yokulima ngolondolozo;
- Ukhukhula kwezityalo;
- Ukhukhethwa kwemihlanganisela;
- Amanani ezityalo;
- Ubunzulu bokutyala;
- Ububanzi bemiqolo nezithuba kumqolo ngamnye;
- Ukfakwa kwezichumiso nomaleko ongaphezulu;
- Uktshabalalisa ukhula;
- Uktshatyalaliswa kwenqoboka emthubi (*i-uintjies*); kananjalo
- Ukuseyenziswa ngokuchanekileyo kwezixhobo ezibanja ngesandla nokufakwa kwemilinganiselo kwisitshizi sehapulusaka.

### Inkqubela kude kube ngoku

Bonke abalimi abakwiprojekthi bakwazile ukulima isityalo sabo sombona kanti iziphumo zibangela ihlombe – aphezulu amanani ezityalo zombona omhle ezifumene izichumiso kakuhle kwaye za-xhamla nasekutshatalalisweni kokhula ngemichiza engendla encomekayo.

Abalimi abakwiprojekthi banelisekile zizophumo kwaye basafuna ukuqhuba ngayo kunya ozayo. Baninzi kakhulu nabanye abalimi abebengabandakanyekanga xa ibiqalwa iprojekthi abaceli-leyo nabo ukuba bafakwe kunya ozayo.

### Isindululo sokukhulisa iprojekthi (ukulima okwenziwa kuqala)

Inkxaso-mali yeNgqesho - The Jobs Fund (iprojekthi yeCandelo likaNondyebo weSizwe) iqwalasela icandelo lezolimo. Uggaliselo lusekuladeleni amathuba emisebenzi, ukuyilwa kwengeniso nokugxothwa kwentswelo.

Thina njengeGrain SA sifake isicelo kwi-Jobs Fund sokukhulisa le projekthi. Kwenziwe isindululo esilandelayo:

- Umlimin ngamnye uyinxenyeprojekthi wiminyaka emine ukuze emva koko aziphubele ngokwakhe.
- Inani labalimi landa nge-850 ngonyaka ngamnye ukufikelela kwinani elielona liphezulu labalimi abayi-3 400 (kunya ophelileyo kulinywe iihekture eziyi-10 200).
- Umlimi ngamnye uqala ngehektare e-1 kanti



*uSamuel Ngobe eSalubindza ngaseHazyview, eMpumalanga.*



*uRemo Bartels, uVincent Mdluli, uJerry Mthombothi (waseGrain SA) noSophie Mlombo.*

basenokwandisa umhlaba nge 0,5 yehektare ukufikelela kowona mkhulu weehektare ezi-3 emnye kubo (kule projekthi kufanelo kukhunjulwe ukuba abanye abalimi bay ausebenzisa eli thuba baqale ukufama kwenene ngokurhweba ngezixa ezikhulu njengoko oku sekwenziwe ngabanye abarhwebi).

- Umrhumo womlimi weendleko zamalungiselelo uya kwanda ngonyaka ngamnye – ngo nyaka woku-1 = 25%, 2 = 40%, 3 = 60%, 4 = 80% ukuze ukususela kunya ka wesi-5 ukuya phambili umlimi azithwalele zonke iindleko zokulima.
- Umrhumo weshishini uya kucutheka ngo nyaka ngamnye – ngonyaka woku-1 = 30%, 2 = 20%, 3 = 10% ngowe-4 = 5% – ukuze emva koko abalimi bazihlawulele ixabiso elipheleleyo lamalungiselelo achanekileyo ngokokusetyenziswa kwawo kwiprojekthi (balubonile uncedo ekuthengeni iimveliso zamalungiselelo ezichanekileyo).
- Ukucebisa abalimi kuya kuncitshiswa nge 25% ngonyaka ngamnye ukuze umlimi aye ngokufunda ukuzenzela yonke imisebenzi ngokwakhe, futhi eziqonda iziphumo zezenzo zakhe.
- I-Jobs Fund iya kuzithwala iindleko zeengcviso, ngokunjalo nokuwa nganeno kwiindleko zamalungiselelo okulima (lo mrhumo uyancipha ngokuya kusanda umrhumo womlimi).
- I-Jobs Fund isebeza ngokolwalamanlo lwenkxaso-mali ye-1:1 – ihambelana nenkxaso-mali evela kwamanye amahlakan. Ekuse-tyenzisweni kweJobs Fund, siqikelele ixabiso lomrhumo womlimi ngemali esesandleni kune nexabiso lazo zonke izaphulelo ezinkwa lishishi “njengomrhumo wal”.
- Umfa “wobomi emva kweprojekthi” ubalulekile xa le projekthi ibinokuziphinda-phinda kwezinje

iindawo. Amava exesha elidlulileyo abonise ukuba abalimi bafanele ukuncedisa kwithuba lexessa eliqingqiweyo, kanti umrhumo wabo kufuneka wande ngonyaka ngamnye bade bafikelele ekuzinikeni inkxaso-mali yokutyalo ngokwabo – xa kungenjalo, abalimi basuka basebenze xa befunama iigranti kuphela baze bayeke xa zingekho iigranti, lonke ilinge ebelenziwe lifadalale. Asifuni ukuba kwenzeke oku.

Xa kuqalwa abalimi bay auhlawula i 25% yeendleko zabo zokulima kuphela, kanti ishishini lona liya kurhuma nge 30% (enikwa ngezaphulelo) – intsalela yoncedo Iwamalungiselelo ithwalwe yijobs Fund. Nangona kunjalo, inkxaso iya kuqhoba kuphela (kwaye iye ngokucutheka) kweminye iminyaka emine – ukuze kunya ka wesihlanu, umlimi azithwalele zonke iindleko.

Izivuno eziphuculweyo zithatha ixesha ukubonakala, nangona kunya omnye sekukho ukuphucuka okukhulu. Kwezinje iindawo kuko uhlasel olubi Kunene lwazo zonke iintlobozokhula ngakumbi inqoboka emthubi, ekunzima ngakumbi ukuyitshabalala.

Ngokuya beyiqhela ngakumbi abalimi imithetho-siseko yomgaqo wokuphethula umhlaba kancinane kangangoko nokusebenzisa imichiza ekutshatyalalisweni kokhula (ukugcina ixesha lokusebenza), izivuno ziayaphucuka ukuze zifikelele kumgangatho wokurhweba ngendawo nganye.

### **Imiba esafanele ukugosheliswa**

Njengoko iprojekthi isekunyaka wayo wokujala, asikakwazi kufikelela kwimiceli-mingeni yentengiso (ukuba ikhona). Kwiindawo ezininje emzantsi Afrika sowukho ummandla wentengiso yokutya okuziinkozo (phakathi kwsizwe na-kwinkoliso yeendawo zeli lizwe). Kunqweneleka ukuba abalimi bathengise kwiindawo zentengiso zeli lizwe ide imveliso yabo ibe ngaphezulu kwi-

mfuno ukuze thina ngelo xesha, siquke abarhwebi beenkozo abaliqela kune namashishini ezolimo ukuba nawo angene kule projekthi.

Zininzi iitrekta kwezi ndawo njengoko iya ngokwanda imveliso, kunqweneleka ukuba izixhobo zokuvuna ezitsalwa getrektara zifumanek zize zincedise kule nkqubo ukuze kuqokelelw iinkozo ukusuka kwindawo ephambili zize zithengiswe bhetele. Yinkolo yethu ke ngoko ukuba into ecothisisa uphuhliso lwezolimo kwezi ndawo zisemaphandleni, kukungabikho komgangatho ofanelekileyo wokulimela ukurhweba ingekuko ukufikelela kwiindawo zentengiso – yakuba ikhona imveliso ethengiswayo, kuya kulandela iziseko zezibonelelo (amadama neengxowa ezisele) njengoko oko kuya kuba lunchedo kwiindleko zoshishino.

### **Ezinye izinto ezeluncedo ezinokufumaneka**

Ngokuya zisanda iimveliso, amathuba alandelayo aya kuziveza:

- Ukuvuna ngokusebenzisa iikhontraktha.
- Ukuuthuthwa kweenkozo.
- Ukulondolozwa kweenkozo.
- Ukusilwa (ukwenzela abantu nezilwanyana).
- Izisele zemveliso yamalungiselelo ethengiswayo.
- Izixhobo ezikhulu eziphuculweyo (iitrekta, izixhobo zokutyalo ngaphandle kokuphethula umhlaba nezitshizi ezijikeleziswayo ukulungiselela abo bandisa imveliso yabo ukuze badlulwe kwibanga lokulimela ukuziphilisa).

*Inqaku linikelwe nguJane McPherson, uMphathi weNkqubo yaseGrain SA weNkqubo yoPhuhliso Iwabali, egameni le-SA Graan/Grain kuMeyi ngo-2015. Ngolwazi olithe vetshe, thumela i-imeyili apha jane@grainsa.co.za.*

# Phucula isivuno sakho SENGQOLOWA ngojikeleziso LWEZITYALO

**U**kulinywa kwengqolowa eNtshona Koloni, ngakumbi kwiSwartland, beku-kade kusekwe ekulinyweni kwsityalo esinye. Phambi kuka-1994, ngoko amaxabiso engqolowa ebela-wulwa yiBhodi yeNgqolowa, ingqolowa ibilinywa phantse kuyo yonke intsimi evulekileyo anayo umlimi.

Kuthe kwakungena inkubo yoqoqosho nge-ntengiso ekhululekileyo indawo elinywa ingqolowa iye yacutheka kakhulu ngoko ke ukulinywa kwengqolowa kwimihlatyana eqingqiweyo akusancedi nganto.

Kungayingqiqo evakalayo xa umntu enokucingela ukuba le meko ithintele ubukho bengqolowa elinywa eNtshona Koloni, kodwa ngenxa yokuse-tyenziswa kwemigaqo emitsha yokungayihlakuleli imbewu, okukhatshwa lujikeleziso lwezityalo, iNtshona Koloni ngoku ivuna isityalo sengqolowa esiphinda-phindwe phantse kabini kumhlaba ongaphantsi kwisiqingatha somhlaba obulinywa ingqolowa kwithuba langaphambili. Ezi ziphumo zovavanyo IweLanggewens ngojikeleziso lwezityalo kwithuba elide zikudandalazisa ngokucacileyo ukwanda kwengqolowa elinywayo xa kusetyenzi-swa iinkubo zojikeleziso lwezityalo.

Izivuno zengqolowa eziqheleke kwithuba elide, ukususela kunya ka-2002 ukuya ku-2014,

ziboniswe **kwiTheyibhile 1**. Ezi ziqhelo ziquka iinkcukacha ukususela ngo-2003, aphi izivuno zengqolowa bezifumaneka kuhpela kwiinkqubo zezityalo/zamadlelo ngenxa yembalela. Izivuno zango-2004 beziphinde zaphantsi ngenxa yexe-sha lokulima ebelinqatylewe yimvula.

Ukususela ku-A ukuya ku-D iinkqubo zihlelwne njengeenkubo zokulima isityalo esinye qwaba, kanti ukususela ku-E ukuya ku-H ziinkqubo zezityalo/zamadlelo. Xa uqwalasela izivuno zengqolowa eziziqhelo malunga neenkubo zokulima ezahluka-hlukileyo (iTheyibhile 1); indlela yokulima ingqolowa yodwa qwaba (kwinkqubo engu-A) inesiqhelo esisona siphantsi sethuba elide. Kanti ukuquka uhlobo olunye kuphela lwestityalo semali esesandleni, esifana necanola kwinkqubo engu-B,

kukhokelela kwisivuno sengqolowa esiqhele-kileyo, isivuno sanda nge 12,27% xa kuthelekiswa nendlela yokulima isityalo esinye qwaba. Ngokuquka izityalo ezibini ezahluka-hlukileyo zemali esesandleni, njengakwiinkqubo uC noD, isivuno sengqolowa esisiqhelo sanda nge 27,72%, xa kuthelekiswa nendlela yokulima isityalo esinye qwaba. Ukuquka isityalo samadlelo kwinkqubo (engu-E ukuya kwengu-H), kwandisa isivuno sesiqhelo sengqolowa kwezo nkqubo nge 37,64%, xa kuthelekiswa nendlela yokulima isityalo esinye qwaba.

Nangona izivuno zengqolowa yesiqhelo kwinkqubo engu-B nengu-D (kwiTheyibile 1) zibhetele kunendlela yokulima isityalo esinye qwaba, ukuba umntu uyiwalaselela kufut-shane inyaniso yokuba ingqolowa ilinywa phi ngokolandelwano lwezityalo ngokwenkqubo, umfanekiso uphinda uguquke. Inkubo engu-B inezintlu zolandelewano ezine ezahluka-hlukileyo zezityalo uCWWW, uCWVW, WWCV noWWWC. Ezi zintlu zolandelewano zimele ingqolowa



**Itheyibhile 1:** Izivuno zengqolowa zesiqhelo kwiinkqubo ezahluka-hlukileyo zokulima (W = wheat-in-goldenrod-weevil, C = canola, L = lupin, M = medic – idlelo eliliyeza neMc = medic/clover – idlelo leclova eliliyeza).

Inkubo	Ulandelelwaniiso lwezityalo	Isivuno (i-kg/ngehektare)
A	WWWW	2 715
B	CWWW	3 048
C	CWLW	3 518
D	LCWW	3 417
E	MWMW	3 735
F	McWMcW	3 504
G	MCMW	3 876
H	McWMcW	3 833

*Itheiyibile 2: Izvuno zengqolowa ngolandelewano Iwezityalo olwahluka-hlukileyo kwiinkqubo ezimbini zeziyaloo.*

Ulandelewaniso lwezityalo	Isivuno (i-kg/ngehektare)	Inkcazelو
WWCW	3 271	ingqolowa yonyaka woku-1
WCWW	3 013	ingqolowa yonyaka wesi-2
CWWW	2 860	ingqolowa yonyaka wesi-3
WLCW	3 582	ingqolowa yonyaka woku-1
LCWW	3 218	ingqolowa yonyaka wesi-2

elinwe kunyaka wesithathu emva konyaka omnye wecanola (**uCWWW**), isivuno sengqolowa sonyaka wesibini emva kwecanola (**uWCWW**) kunye nonyaka wokuqala wengqolowa emva kwecanola (**uWWCW**). Kwangaloo ndlela inkquo-bo engu-D (**KwiTheyibhile 1**) ingqolowa yonyaka wokuqala (**uWLCLW**) kunye nengqolowa yonyaka wesibini (**uLCWW**) emva kwezityalo ezbini zamaggabi abanzi. **KwiTheyibhile 2** isiphumo sokulima kwasona eso sityalo kunyaka wesibini okanye wesithathu ngokulandelelana kwayo siya-



*Ifoto 1: Inkqubo yojikeleziso lwezityalo encombe-kayo yakha umhlaba iphindé iphucule uphuhliso lweengcambu ezilungileyo.*

**Ifoto 2: Ukuwashisa intsalela yezityalo kuchaphazela ulwakhiwo lomhlaba wakho nokusebenza kwezidalwanana ezisemhlabeni.**

*Ifoto 3: Intsalela eshiyeku entsimini emva koku-vuna ikuhsela umhlaba ize yandise nokuchuma komhlaba.*

**Ifoto 4:** Hlanganisela necanolana kwinkqubo yakho yojikelezo lweziyalo ukukhuthaza ukusetyenziswa kweNitrogen nokwakha umhlaba. Kuya kunceda nangolawulo lokhula.

boniswa kwaye kucacile ukuba isivuno sengqolowa siyehla ngonyaka ngamnye olandelayo ekulinywa ngawo phambi kojikeleziso oluukqa esinye isityalo.

liyantlukwano phakathi kwezivuno zengqolowa  
kwiTheyibhile 2 zinxulunyaniswe nokwanda ko-  
xinzelelo lkhula, ngokunjalo nokwanda kweziffo  
ezifukanyelwa ngumhlaba, nezibangela ukwetha  
kwesivuno ngonyaka ngamnye olandelayo apho  
bekulinyewe khona kwasona eso siyaloo.

Xa bekunokukhutshelwa ngaphandle iinkukacha zonyaka ka-2003, iziqhelo zenqubo engu-G ukuya ku-H zinyuke zangaphezulwana rje kwi-4 000 kg/ngehektare. Emva kwedlelo lonyaka ngamnye wedlelo lemidumba, ingqolowa, nje-ngakwiinkqubo u-E ukuya ku-H, ayandisanga isi-vuno sakho sesiqhelo sengqolowa kuphela, kodwa iphindé yavulela umlimi ikroba lombandela we-mfuyo. Kuya kuxhomekeka kumlimi nakwindawo alima kuyo, ukuba yeypihpi inkqubo enokumlungela bhetele. Kubalulekile ukuliqonda ixabiso lokujike-lezisa izityalo ekuphuculen iingeziro izivuno efa-ma kuphela, kodwa nemida yezivuno zeenkubo ziphelele.




Masijonge eminye imizekelo yeenkqubo ezimfut-shane ezinde zemijikeleziso eziisetenziswa ngoku kwiphondo.

ESwartland

linkqubo zezityalo zokuthengisa:

- Ingqolowa – ikhanola – ingqolowa – ilupin; kananjalo
  - Ingqolowa – ikhanola – ingqolowa – ingqolowa. Izityalo zokuthengisa/linkubo zemidumba yemfuyo:
  - Ingqolowa – amayeza/ifula yeklova – ingqolowa – amayeza/iklova; kananjalo
  - Ingqolowa – amayeza/iklova – ikhanola – amayeza/iklova.



*Imizekelo emibini yenqubo emfutshane yokujikeleziwa kwezityalo. lintolo ezibomvu zibonisa ulandelelwano lwenqubo yezityalo zokuthengiswa (ingqolowa – ikhona – ingqolowa – ilupin) ukuze iintolo ezimthubi zibonise inkubo yezityalo/yarmadlelo (amachiza/iklova – ingqolowa – amachiza/iklova – ingqolowa).*

I Koloni eseZantsi

## ***Umjikeleziso wethuba elifutshane***

linkqubo zezityalo zokuthengisa:

- Ingqolowa – ikhanola – ingqolowa – ilupin; kananjalo
  - Ingqolowa – ibhali – ikhanola – ingqolowa – ibhali – ilupin.

Isityalo/imidumba yemfuyo:

- Amayeza/iklova – amayeza/iklova – ingqolowa;
  - Ingqolowa – amayeza/iklova – ingqolowa – amayeza/iklova; kananjalo
  - Amayeza/iklova – amayeza/iklova – ingqolowa – ibhali.

## **Umjikeleziso wethuba elide**

Iminyaka emi-5 ukuya kwemi-6 yeLusini – ingqolowa – ibhali – ikhanola – ingqolowa – ibhali.



*Inkubo ende yokujikeleziswa kwezityalo  
iqala entla ngasekunene kwelusini – ingqolowa  
– ibhali – ilupin – ingqolowa – ibhali – ikhanola  
– ibe yilusini kwakhona.*

**Inqaku linikelwe nguGq Johann Strauss, Ingcali kwezenzuluwazi: linkqubo zokulima ngolo-ndolo, Icandelo loLawulo kwiniNzuluwazi ngeziTyalo, kwiSebe lezoLimo laseNtshona Koloni. Ngowlwazi oluthle vetshe, thumela i-imeyili apha: [johannst@elsenburg.com](mailto:johannst@elsenburg.com).**

# Qwalasela iinkcazo zeeakhwunti zakho zenyanga

Kweli nqaku sinqwenela ukugxininisa ukubaluleka kokuqwalasela (ukulawula) zonke iinkcazo zeeakhwunti ozifumanayo. Masiqale ngokuchaza igama elithi iinkcazo. Ngelishwa igama elithi "iinkcazo" linokubhidisa okuncinane.

Kwinqaku elidlulileyo sisebenzise eli gama ngokuphathelele kwiinkcazo zemali ezizezi; iinkcazo zempahla yexabiso nezamatyala, inkcazo yengeniso nenkazo yomqukuqelo wemali esesandleni. Kweli nqaku siza kuphinda silisebenzise igama elithi "iinkcazo" kodwa ngoku malunga neenkazo zenyanga umzelko, iinkcazo zebhanki, iinkcazo zeeakhawunti ezivela kwabanye ababoneleli (amaquamrhu ezolimo), iinkcazo zekhontrakthi yeselfowuni, iinkcazo zaseEskom, iinkcazo zaseTelkom, mhlawumbi iinkcazo zakwamasipala, okanye ezesicwa-ngciso soncedo lonyango, njalo njalo. Ukuba uqhuba ishishini naba baboneleli beenkonzo kwaye ubahlawula qho ngenyanga kuhela okanye kwithuba elide kunelo, aba baboneleli mabakunike inkcazo yeakhawunti ekupheleni kwenyanga nganye.

Umbuzo ovelayo uthi senzani ngezi nkazo? Sizilahela "kwaFayili engu-13" njengoko sisitsho okanye siyazilahla? Hayi, ufanele ukuzisebenzia – ziqlasale rhoqo uqiniseke ukuba zilungile. Nceda zижongisise kuba iimpazamo zikhe zibe khona. Uchitha imali yakho akufuneki ukuba uzibone uhlawula ngaphezu kokuba ufanele

kuba oko kuya kuyichaphazela kakubi imeko yakho yemali.

Khumbula ukuba kuthotho lwethu lwamanaqku malunga nolawulo omnye wemithetho-siseko esiyigxinisileyo kukuba yonke into kananjalo wonke umntu obandakanyeka emsebenzini wo-kufama, mhlawumbi umnini/umphathi okanye abasebenzi, owenza okuthile okanye ongakwe-nziyo xa kuyimfuneko, uchaphazela inuzu/ilahleko yeshishini. Kanti siphinde sagxininisa ukuba xa ungakwazi ukuzenzela umsebenzi othile fumana omnye umntu ukuba akwenzele wona. Mhlawumbi ingalilungu losapho okanye umntu ovela ngaphandle ofana nomgcini-zincwadi – jonga inqaku elidlulileyo malunga neenkazo ngemali.

## Indlela yokuqwalasela iinkcazo zeeakhawunti ozifumanayo

Okokuqala uza kudinga onke amaxwebhu abizwa ngokuba ngamaxwebhu eenkcukacha azo zonke izehlo zosetyenziso-akhawunti olunxulumene neshishini lakho apho beku-bandakanywe imali khona (ngokungqalileyo nangokungangqalanga). Kuzo zonke iimeko, uxwebhu lweenkcukacha luya kuba liphepha, elifana neleenkcazo zebhanki, iziliphi zebhanki kune nezokufaka imali, ezee-invoyisi zeentengo (kuqukwu iziliphi zasethilini, izili-phu zeentengo ngemali esesandleni, iziliphi zepetroli), ii-invoyisi zeentengiso namaxwebhu okunkielwa kwempahla njalo njalo. Ngoku ufanele ukuba uyaqonda ukuba la maxwebhu eenkcukacha abaluleke kakhulu, kakhulu kulawulo lweshishini lakho.

Okwesibini, kuluncedo olukhulu ukuseka iiaakhawunti ezizesakho kwinkubo yakho yokugcina amaxwebhu mhlawumbi ngendlela yokusebenzia izandla okanye ngekhompyutha. Ngoko ke sebenzia amaxwebhu eenkcukacha ukugcina iakhawunti yomboneleli weenkonzo ngamnye ineenkcukacha ezipheleleyo.

Okwesithathu, wakuba ufumene iinkcazo zeeakhawunti ezisesikweni thelekisa ezo nkazo namaxwebhu akho ngokubhekiselele kule miba:

- Ngaba zonke iintengo zigcinwe ngokuzibhala ngokuchanekileyo malunga nemveliso, impahla, inkonzo ngakumbi isixa? Xa unokufumana imposiso qwalasela amaxwebhu akho eenkcukacha (kuluncedo ukugcina onke amaxwebhu akho eenkcukacha ezifayilini ngokwesicwangciso esifanelekileyo).
- Ngaba zonke iintlawulo zigcinwe ngokuchanekileyo?

- Ngaba zonke iintengiso (impahla enikelwayo) igcinwe ngokuchanekileyo?
- Ngaba zonke iimbuyekezo zigcinwe ngokuchanekileyo?

Xa kunjalo thelekisa iinkcazo zeeakhawunti namaxwebhu akho owagcinileyo. Xa kuko ukungangqinelani, kulandele oko naloo mboneleli wenkonzo msinyane kangangoko kunokwenzeka ukuze kulungiswe. Uya kuqaphela ukuba ababoneleli beenkonzo abaninzi babonisa kwezi nkazo ixesa olinikelwa ukulandela xa ubone iiyantlkwano. Ukuba akuwalandeli kwithuba lexesha olinikiweyo amathandabuzo, kuya kucingelwa ukuba inkcazo ichanekile.

Unokuba ngoku sowubonile ukuba xa ukwenza oku kakuhle kuya kufuneka ukuba ugcine nezinye iinkcukacha ezifana nokusebenzia umbane, impahla eziswayo njengedizili yakho nezinye izinto. Kuyavakala ukuba kunzima ukugcina ezinye iinkcukacha njengokusebenzia ifowuni, kodwa xa unokwenza umgudu othe kratya unako ukuzifumana iinkcukacha.

Njengoko sekuxeliwe kusenokuba iiyantlkwano nangenxa yeenqubo zethu zempucuko yobuchwepeshe zanamhla. Ngethamsanqa akufane kwenzeke ngenyanga nganye kodwa kunokwenzeka ngenye imini. Vula amehlo ngakumbi xa umboneleli wenkonzo "ephucule" iinkqubo zakhe okanye etshintshele kwinkubo entsha. linkqubo ziyaphuhliswa zize ziphunyezwe kuanjalo zilungiswe kwangabantu abasenokwenza iimpazamo, ingeyiyo inkqubo ke phofu.

Umzekelo wamava am – ekupheleni kuka-Janyuvari ngo-2015 sakuba sifumene inkcazo yeakhawunti yenyanga yesicwangciso soncedo lwenyanga kubonakale ukuba ibango lamayeza afunyenwe ngoJanyuvari ngo-2015 lesixa-mali se-R463,36 liphinda-phindwe kabini. Ukuba le mpazamo ibingalandelwanga ibiya kuba yilahleko yethu.

Nangona lubaluleke kangako ulawulo lweenkcazo zeeakhawunti zenyanga nganye, kuyamangalisa ukufumanisa ukuba ababanzanga abantu abalwenzayo. Elokuggibel, umthetho-siseko wokuqwalasela zonke iinkcazo zeeakhawunti zenyanga ufanele ukusetyenziswa kwishishini lakho njengendlela owenza ngayo ngeeahawunti zobuqu bakho. Oko kuya kukunika uncedo kuhela.

Inqaku linikelwe nguMarius Greiling,  
umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi  
oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha:  
[mariusg@mcgacc.co.za](mailto:mariusg@mcgacc.co.za).





Ukupuhula okulungileyo kweengcambu zesityalo esisakhulayo serhasi.

# Igalelo lokulinywa KWERHASI KUBUKHO bokutya okwaneleyo

**K**wizitalo ezizezona zibalulekileyo ehlabathini malunga nokulinywa ngobuninzi, irhasi ikwindawo yesine phakathi kwezinye iisiriyeli emva kombona, irayisi kunye nengqolowa, nangona ngokubanzi ikwindawo yeshumi elinanye, kwaye ilinywa kwiindawo ezininzi ehlabathini. linkozo zerhasi zisetyenzisewa ukondla izilwanyana, imithombo, nokutya kabantu, imithombo ikwindawo yesibini ngokusetyenziswa. Abalimi nabo basebenzisa isitroyi serhasi ukondla izilwanyana e-Asia esentshona, eAfrika esemntla, eEuthopia, e-Eritrea, e-Yemen, kwindingqi yeAndes neAsia esempuma. (Akar et al. 1999).

Kukho inkolelo engeyiyo yokuba ukulinywa kwerhasi akunagaleo kubukho bokutya okwaneleyo. Ukubaluleka kokulinywa kwerhasi njengenxenyen yenkubo yokujikeleziwa kwezitalo akunakubonwa njengento engekhoyo. Enyanisweni, kwiKoloni eseMzantsi, ukulinywa kwerhasi kuhambelana nokulinywa kwezinye izitalo eziziinkozo ezifana nengqolowa, icanola, iowuthsi kananjalo nezityalo ekondliwa ngazo izilwanyana ezifana nezityalo ezingamayeza kune nezityalo ezineentyatyambo ezihlabay. Ngoko ke, inigalelo elingqalileyo kulgolozeko Iwabalimi bethu abarhwebayo nabeli Xesha laNgoku Ngaphezu koko, ishishini lemithombo nalo lidala amawaka amathuba emisebenzi eMzantsi Afrika uphelele, meko leyo inegalelo kupuhliso loqoqosho lwei lizwe kananjalo nobukho bokutya okwaneleyo emakhaya.

Irhasi sisitalo esilimika kwinkubo yezolimo enezivuno eziphezulu kanti nakwiimeko ezingqonge ukulimela ukuziphilisa. Ubukho bayo buzalise umhlaba kwaye ibalulekile kuqoqosho malunga nokondliwa kwezilwanyana nokusilwa kwebhiya. Ububanzi bokbaluleka kwerhasi njengokutya kwabantu kusenganeno kodwa kukho iindlela ezintsha ngoku zokuyisebenzisa. Isakhono



Isitalo serhasi esisempilweni entle nesisakhulayo.

serhasi sokuziqhelanisa kwiimeko zoxinzelelo Iwendalo nolungelolwendalo siya kubaluleka kakhulu kupuhliso Iwayo Iwexesha elizayo nakugxininiso olwandayo Iwezi ziqhelo kwaye oku kuyauneka ukuze kuxhotyelwe inguquko kubume obungqonge izitalo. Ngokucacileyo, irhasi sisitalo esomeleleyo nesinesakhono esikhulu esifanele ukuqwalaselwa kwixesha elizayo. (Newton et al. 2011).

Kucacile ukuba ukulinywa kwerhasi enyanisweni kunegalelo elikhulu kubukho bokutya okwaneleyo. Kunyanzelekile ukuba silikhuthaze eli shishini libaluleke kangaka sincedice abadlali-zindima ukuba bakuqonde ukubaluleka kwale mveliso.

*Inqaku linikelwe nguLiana Stroebel,  
uMququzeleli wePhondo, (eNtshona Koloni)  
kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso Iwab-Limi. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili  
apha: liana@grainsa.co.za.*

## Pula Imvula's Quote of the Month

*I may not be there yet,  
but I'm closer than I was yesterday".*

~ Author Unknown

# I-Grain SA kudliwano-ndlebe...

## William Matasane

**E**mva kokujala phantsi njengeweyitara, umpheki emva koko waba ngumphathi werestu eAllemanskraal Dam, kwiHoliday Resort ese Free State, uWilliam Matasane ube ngumlimi kwisithili saseSenekal. Uthenge ifama eVerbylden ngegranti efumanekе kwi-DRDLR nangemali-mboleko yaseLand Bank. Ifama ineehektare eziyi-253 ukuze eziyi-135 iihektare zibe nesakhono esiphakathi sokuba ngumhlaba olimekayo.

### Uwuqhube phi umsebenzi wokufama kwaye ngeehektare ezingaphi? Ulima ntoni?

Ukususela ngoko ndithenge ezinye iifama ezimbini ngeemali-mboleko zaseLand Bank. I-Leeukui ineehektare eziyi-257 kanti kuzo eziyi-100 ziyalimeka. I-Keerfontein ineehektare eziyi-460 kanti eziyi-172 ziyalimeka. Ndiphinda ndiqeshe iihektare eziyi-226 zomhlaba omhle olimekayo kwisithili saseVentersburg. Ziphelele iifama endisebenza kuzo ziihektare eziyi-1 196 kuzo eziyi-733 zingumhlaba olimekayo ukuze iihektare eziyi-463 zibe zezamadlelo.

Ndilima umbona, oojongilanga neemboty ze-soya kanti ndinazo neenkomo zenyama neegusha.

### Zinto zini ezikukhuthazayo?

Ukuqala kwam ukufama ndandingenabulumko kwaphela. Ndaza ndizibandakanya neGrain SA. Ndafumanisa ukuba andinakuze ndilunge xa ndingafumani nkxaso ebambekayo ebantwini endibathembayo. Ngo-2010 ndavotelwa ukuba ndibe nguMlimi ophumelele phambili osaHlumayo waseGrain SA woNyaka. Oku kwandenzena ukuba ndithobeke. Emva koko ndabona ukuba ndifanele ukuba ngumzekelo omhle kubalimi abatsha ngoku. Oku kwandenzena ukuba ndisebenze nzima na-phucukileyo ngakumbi ukuze ndikhuthaze abanye abalimi kananjalo ndenze usapho lwam lube neqhayiya ngotata walo.

### Chaza imiba onamandla kuyo nobuthathaka kuyo

Ndiniezakhono zobuchule ezincomekayo zkusebenziana nabantu. Ndinobudlelwane obulungileyo nabamelwane bam kunye nabatlali-zindima kushishino Ivezolimo. Ndiyakucaphukela ukuba sematyalen iwaye andifuni tyala kwishishini lam. Ndinabasebenzi abathembekileyo kum abasebenza iiyure ezininzu ukuze bawuggibe umsebenzi. Ndinjenkosikazi nabantwana endibathanda ngentliziyo yam yonke. Bayanicunukisa abantu abangathe-mbekanga nabaneejenda ezifihlekileyo. Xa ndingayithandi into ndithetha ngokuphande.

### Sasingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqalis ukufama? Singakanani ngoku kwezo zityalo?

Isityalo sam sikajongilanga sokuqala saba ziiton eziyi 0,2 ngehektare, isityalo sam sengqolowa sokuqala zange ndikwazi nokusivuna. Isityalo sam sokuqala sombona saba ziiton eziyi 1,2 ngehektare. Ngoku ndivuna iiton eziyi 1,5 ngehektare - eziyi 2,5 ngehektare ngojontilanga ndide ndifikelele kwiiton eziyi 5 ngehektare zombona. Andisayilimi ingqolowa, xa ujonde ingqolowa eSenekal uya kukhawuleza kakhulu ukuzibona ukuba usemva. Kunyaka odlulileyo ndivune phantse iiton eziyi-2 000 zeenkozo zeli xesha lonyaka. Ndililungu le-Klabhu yeeToni eziyi-1 500 yaseGrain SA.

### Ucinga ukuba yintoni eyona nto ebinegalelo kwinkqubela nakwimpumelelo yakho?

Ukuqwalasela nokufama. Buza imibuzo. Ukuya kum-melwane wakho orhwebayo uze ufunde kuye. Emva koko yenza izinto ezelungileyo ngexeshu elilungileyo. Ukuya kwiindibano zoqequesho nakwiNtsuku zaba-Limi uze usebenzise ulwazi olufumene kuzo. Ukuba ngumlimi uhlale efama. Iinyawo zakho mazizobeku emhlabeni wakho nothuli lwayo ebusweni bakho. Mazibe mdaka izandla zakho. Abanye mababone kuwe indlela yokusebenza ubo ngumzekelo efama.

### Hlobu luni loqequesho osowulufu-mene kude kube ngoku iloluphi uqequesho osalunqwenelayo?

Selubanzi uqequesho endilufumeneyo kwiNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi yaseGrain SA. Izifundo ngokulinywa kombona nojontilanga, uwangciselolewintso eziisetenziswayo kune nolawulo Iwefama, ndithumele abasebenzi bam kwizifundo neendibano zezakhono zobuchule ngokulondolozwa kweetrektara nezixhobo zokusebenza. Ndiya kwiiNtlanganiso zaMaqela oFundonzulu nakwiNtsuku zabaLimi kwaye kuhulu endikufumene nakutyelelo kwifama kwinkokeli zaseGrain SA ezi-tyelela abalimi emasimini. Baluzise kwifama yam ulwazi oku kwandenzena umlimi olungileyo.

Ndinqwelenela ukufunda banzi ngeSafex na-nogukuthengisa iinkozo kuba ndifuna ukuba no-lawulo olithe kratya ekuthengiseni isityalo sam. Ndifuna nokuqalisu indawo encinane yokondla imfuyo kwifama yam.

### Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo? Ngaba unqwenela ukuzuza ntoni?

Kwiminyaka emihlanu ndifuna ukuzinza ngo-kwasemalini. Ndifuna ukukwazi ukuzimela ngo-



kwasemalini ndingasebenzisi zimali-mboleko zokufaka isityalo emhlabeni. Ndifuna ukuba zontathu iifama zam zipuhle zikhuphe ukuya kangangoko kunokwenzeka. Kwiminyaka emihlanu unyana wam uza kuba eggiba esikolweni kwaye ndifuna ukuqiniseka ukuba unendawo naye yokuba yinxene yeshishini lokufama. Ndinqwelenela ukuthe-nga omnye umhlaba apho ndinokwandisa khona umhlambi wam weenkomo zenyama. Ndilibona lili-hle ishishini lam leegusha ngoko ke ndifuna ukwanda isabelo sam sokuthengisa kweli candel. Ndifuna ukukhulisa ishishini lam libe ngumzekelo omhle wendlela yokulima ukuya eMzantsi Afrika ndibe ngumzekelo kumlimi omtsha ndikhombe indlela.

### Ungabacebisa uthini abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo?

Ukuba ufunu ukuba ngumlimi kuba urhulumente ethengela abantu umhlaba – sukusasaqalisa. Ukufama asikokwamabhetyebhetye. Asilocebo lokutyeba msinyane. Lubizo oludinga ukusebenza nzima, kumathuba amade, ukunyameka kwixesa elide phambi kokubona kungena imali encinci.

Ufanele ukufumana uqequesho lolawulo Iwemali, ulawulo Iwemdingcipheko, ubuchwepheshe obutsha nezinye izifundo. Yenza isiggibo ngenjongo yakho uze uthalele kwelo cala – izityalo zemali esesandleni, imifuno, iinkomo nokunye.

Wuthande ngentliziyo yakho yonke lo msebenzi, uthembe kwaye uwukhathalele umhlaba, imfuyo yakho nabantu abakusebenzelayo. Funda ukuba neqhayiya nokuwubuka umsebenzi owe-nziwe kakuhle, isivuno esihle okanye iinkomo ezytibileyo. Yamkela ukubethuka ngesidima kwaye uthobeke kuba usebenza ngendalo kaThixo.


Inqaku linikelwe nguJohan Kriel, uMququzeleli woPhuhliso waseGrain SA kwiNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-meyili apha johank@grainsa.co.za.

# Landela ezi zikhokelo zomxube wetanki

michiza ebulala izitshabalalisi-zityalo (imichiza ebulala ukhula, izinambuzane nemingundo) ixutya ezitankini ngezizathu ezaahluka-hlukileyo kuqkwa unciphiso iweendleko nolawulo lhexesha. Nangona kusiszeno esiqhelekileyo ukuxuba iimveliso etankini, kubalekile ukuqaphela ukuba izibulali zeztshabalalisi-zityalo ziymichiza enokusebenzisana nanjani ngokwendalo nangokweendla eyakheke ngayo.

Iziphumo zokudibana ngokweendla eyakheke ngayo zikhawuleza zibonakale kuba zenza kubonakale

okwenzeka etankini yesitshizi. Iziphumo zeentsebenziswano ezenzeka ngokwendalo kuba nzima ukuziphawula njengoko iimveliso zisenokuxubana kakuhle, kodwa kuloo ntsebenziswano isakhono somchiza oxutywa etankini omnye okanye ngaphezelu si-nokuchaphazeleka kakubi. Amaqumru emichiza yokubulala izitshabalalisi-zityalo anokusiqinisekisa isakhono semi-xube yeetanki kuphela xa ivavanyiwe naxa iphawulwa kwileyibhile.



Inyathelo 1



Inyathelo 2



Inyathelo 3

Faka iimveliso eziqulethe izingxotyana ezinyibilikaylo emanzini.



Inyathelo 4a



Inyathelo 4b



Inyathelo 4c

Galela isandulela somxube esikhankanywe ku4B kwitanki yesitshizi.



Inyathelo 5

Qinisekisa ukuba ezi mveliso zisazazeka ngocoselelo kumxube wesitshizi phambi kokugalela ezinye iimveliso.




Inyathelo 6

Galela iintlobo zeemveliso ezincgwengayo (SC & SE).



Inyathelo 7

Galela iintlobo zeemveliso ezixixubisiso (EW; ME; EC).



Inyathelo 8a

Galela iimveliso ezinyibilikaylo emanzini (SL; SG; SP).



Inyathelo 8b




Inyathelo 8c

Nceda qinisekisa ukuba imigubo namahalalutyana anyityilikiswa emanzini kwangaphambili phambi kokugalela kwitanki yesitshizi. Ukusilela ukwenza njalo kusenokubangela iintsebenziswano ezibambekaylo nezingatunekiyo.



Inyathelo 9

Isimanzisi/Isasazi nezincedisi zezinamathelisi zikhola uku-galela ekuggibeleni.



Inyathelo 10

Zalisa itanki kangangendlela ofuna ngayo.

## Iqela labahleli

### GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324  
7 Collins Street, Arboretum  
Bloemfontein  
► 08600 47246 ◀  
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

### UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson  
► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

### UKUMISELWA

### KWABAHLELI

### Liana Stroebel

► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

### UYILO, UBUME NOSHICILEO

Infoworks  
► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



### IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,  
isiNgesi, IsiBhulu, isiTswna,  
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

### INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

### ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Danie van den Berg  
Free State (Bloemfontein)  
► 071 675 5497 ◀ danie@grainsa.co.za

### Johan Kriel

Free State (Ladybrand)  
► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyamboso

### Jerry Mithombothi

Mpumalanga (Nelspruit)  
► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

### Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

### Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
► 084 582 1697 ◀ graeme@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

### Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)  
► 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

### Lawrence Luthango

EMpuma-Koloni (Mthatha)  
► 076 674 0915 ◀ lawrence@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 047 531 0619 ◀ Cwayita Mpotyi

### Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)  
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8057

### Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)  
► 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

### Julius Motsoeneng

North West (Taung)  
► 072 182 7889 ◀ julius@grainsa.co.za

### Vusi Ngxosi

EMpuma-Koloni (Maclear)  
► 079 034 4843 ◀ vusi@grainsa.co.za  
► e-Ofisini: 012 816 8070 ◀ Sally Constable

**Articles written by independent writers are the views of the writer and not of Grain SA.**

# Landela ezi zikhokelo zomxube wetanki

seenxalenye ezinganye-nganye.) Oku kusenokuba luncedo kwandise ukubulawa kwezitshababalalisi-zityalo, kodwa kusenokuba namandla okubangela ukonakala kwezityalo.

- **Usukuzwano** (isakhono somdibaniso singaphantsi kwisixa esipheleleyo seenxalenye ezinganye-nganye.) Oku kuya kunciphisa umngcipheko wokonakala kwezityalo, kodwa kusenokubangela ukubulawa okunganelanga kwezitshababalalisi-zityalo.
- **Isiphumo esongezelelwyo** (isakhono somdibaniso silingana nesixa esipheleleyo seenxeny ezinganye-nganye.)

### Intsebenziswano zezinto eziphathetkayo

Imichiza ebulala izitshababalalisi-zityalo isenokuba neentsebenziswano ezingafunekyo ezenza ukuba imixube yezitshizi ibangele ubushushu, ukumbuka kwezikhaxa, intlenja okanye kubekho iingqimba eziza kuxinanisa imilomo ukuze kunciphe isakhono seenxeny eomnye omnye okanye ngaphezulu. Oku kunokubangela ukulahleka kweziqulatho zetanki ziphelele.

### Imithetho jikelele xa kuxutywa izibulali zezitshababalalisi-zityalo zetanki

- Yiba soloko ulandela iingcebiso ezikwileybile kananjalo ungenzi mixube yetanki engabhaliswanga.
- Qinisekisa ukuba umgangatho wamanzi uzi-fanele iinxene zemixube yetanki. Ileyibhile ezininzi zezitshababalalisi-zityalo zinemiyalelo malunga nokubaleka okunjengombane okanye ubumuncu (pH) bamanzi esitshizi.
- Ukuba ileyibhile yemveliso ithi mnye umchiza obulala izitshababalalisi-zityalo ohambelana nomnye, singatsho oku akuthethi ukuba yinianiso leyo ngokuphathelele kuwo onke amagama okurhweba ngezo zithako zisebenzayo. Khumbula ukuba imixube eyahluka-hlukileyo yezithako ezithile ezisebenzayo isenokungafani ncarn.
- Ngokuya isanda imichiza yokubulala izitshababalalisi-zityalo exutyiweyo esezitankini, uyanda nomngcipheko weziphumo ezingafunekyo.
- Imixube yeetanki enamanzi amancinane isesichenegeni sokungahambelani ngokweempawu eziphathetkayo. Le ngxaki yenziwa kukuba amanzi asuka angakulingani ukugcina yonke into ikumxube onyitilyikisisiweyo/ikwisubisiso/ isemanzini entlenja. Kuthintele ukuba neenxeny ezininzi kwimixube yetanki okanye ukusebenzisa amanzi agqithisileyo kwezi meko.
- Ubushushu obuphantsi bamanzi esitshizi buse-nokuba negalelo kumxube wesitshizi ongenakungqinelana.
- Imixube yeemveliso enamanqanaba e-pH neemfuneko ezichaseneyo isenokubangela ukunganqinelani.
- Imixube yeemveliso enezondlo zetyuwa eziphazulu (njengezondlo zamaggabi nemichiza ethile

ebulala ukhula) inganefuthe kwindlela yokuxuba eminye imichiza ebulala izitshababalalisi-zityalo ize ithobe isakhono sayo songqinelwano.

- Ungaze uxube iimveliso ezihamba zodwa, ezingaxutywanga ngaphandle kokuba oko kubhalwe kwileyibhile.
- Yiba soloko usebenzisa isincedisi esicetyiswa kwileyibhile.
- Dunga-dunga imixube yetanki njengoko oku kubalulekile ekugcineni iimveliso zikwintenga okanye kwisixubisiso.
- Khumbula ukuba iimveliso ezithile maziqale zixutywe ngentwana yamanzi phambi kogalelwya kwitanki yesitshizi. Oku kuyinyaniso ngakumbi malunga nemixube yemigubo ne-yamahlalutye. Nceda gcina iingcebiso ezikwileybile.
- Umxube wesitshizi mawungaze uyekwe ungdunga-dungwa, ngoko ke ukutshiza makugqitywe kudunga-dungwa kungayekwanga.

### Indlela yokuxubela itanki

Le yinkubo yesiqhelo kwaye ifanele ukulandela nanini xa kukho amathandabuzo. Ileyibhile yesibulali sezitshababalalisi-zityalo mayandelwe njengesikhokelo esisentloko.

### Uthetha ntoni uB-W-W-S-E-S-W?

Khumbula ukuzalisa itanki yesitshizi okungenani ibe sesiphakathini.

- B – buffers (izidambisi)
- W – water-soluble sachets (izingxotyana ezinyibilikayo emanzini)
- W – WG/WDG (water dispersable granules)/WP (wettable powders) (amahlalutana asasazeka emanzini)/WP (imigubo emanzisekayo)
- S – SC/SE (suspension) (umxube ongcwengayo)
- E – EW/EC/ME (emulsion) (isixubisiso)
- S – SG/SP/SL (water soluble) (okunyibilikayo emanzini)
- W – Wetter (lisimanzisi)

Zalisa itanki kangangoko ufuna.

Izhokelo zenzelwe ukuqinisekisa isakhono esisesona siphezulu semixube yokutshiza, kwaye zilungiselelwyo iimeko ezininzi. Nangona kunjalo, ababhalu abanakuthwaliswa xanduva ngokusebenza kwayo kuzo zonke iimeko. Imixube yesitshizi engahambelaniyo isenokuyenza ukuba ingasebenzi kakuhle iimveliso. Jonga ileyibhile yezibulali zezitshababalalisi-zityalo malunga nezikokelo ezisentloko eziya kuba neziphumo ezi-nomekayo zezitshizi. ●

Inqaku linikelwe nguGerbrandt Kriel noLean Hanekom baseVilla Crop Protection. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-meyili apha lean.hanekom@wenkem.co.za.

THIS PUBLICATION IS  
MADE POSSIBLE BY THE  
CONTRIBUTION OF  
THE MAIZE TRUST

